

Ilizwi lakho. Uluntu lwakho. Amandla akho

UTHOTHO LWEENCWADANA ZORHULUMENTE BEENGINGQI

INtathonxaxheba yoLutsha kooRhulumente beeNgingqi



Le ncwadana ibonelela ngengcaciso emalunga noorhulumente beengingqi eMzantsi Afrika.

Oomasipala babaluleke kakhulu kwaye babonelela ngeenkonziso ezisenza ukuba siphile ubomi obundilisekileyo nobunempilo.

UkuXhobisa isiZukulwana esiLandelayo ukuLungiselela uCwangciso looMasipala olungokuQukayo

Le ncwadana iyilelwe ukuxhobisa abantu abatsha ukuze bakhe uluntu lwabo ngenkuthalo, baphembelele ucwangciso loomasipala, kwaye bathathe indawo elilungelo labo kulawulo lweengingqi eMzantsi Afrika.

INGABA UBUSAZI? (IINYANISO EZIKHAWULEZILEYO)

UkuCaciswa koLutsha: EMzantsi Afrika, ulutsha luccaciswa ngokusesikweni njengabantu abaphakathi kweminyaka eli18 nengama35 ubudala kwaye benza malunga nesinye esithathwini kwinqanaba labemi baseMzantsi Afrika bebonke. Lawo ngamandla abonakalayo nanako ukuba angalaxa ikamva loluntu lwethu.

UkuBonakala koLutsha kuNyulo:

Kunyulo loorhulumente beengingqi lwango2021, lulutsha olungama20% kuphela olwathi lwavota kolo lwalubhalisele ukuvota. Kunyulo lwamaphondo nolukazwelonke lwango2024, ukubonakala kolutsha kuye kwahlala kungaphantsi kwama30%. Oku kubonakalisa imfuneko yokubandakanywa kolutsha kakhulu nangakumbi kwiinqubo zolawulo ngentando yesininzi.

UkuMelwa koLutsha ePalamente eMzantsi Afrika:

NgamaLungu ePalamente (iiMP) enza i3% kuphela aphakathi kweminyaka engama20–29 ubudala. Amalungu enza i16.8% aneminyaka engama30–39 ubudala. Oku kugqamisa isikhewu esiphakathi kobungakanani benani labemi abalulutsha nokumelwa kwalo kwiindawo ekuthathwa kuzo izigqibo.

UThelekiso lwakwiHlabathi Jikelele: Ngamalungu epalamente enza i2.8% kuphela kwihlabathi jikelele aneminyaka engama30 okanye ngaphantsi, ngelixa ilinani elingaphezu kwe50% labemi bakwihlabathi jikelele abangaphantsi kweminyaka engama30.

Amazwe afana neNorway (13.6%), iArmenia (13.1%), neJamani (8.8%) abonakalisa uquko lolutsha ngokuqinileyo noko.

“KUFUNeka SILUHOYE UKUTSHA. IIMBONO ZALO ZIBALULEKILE.”

– ILungu loLuntu

Intathonxaxheba yoLutsha: IXhaswa nguMthetho

EMzantsi Afrika, imithetho nemigaqonkqubo eyahlukahlukeneyo ikhuthaza ubandakanyeko lolutsha. Oku kuthetha ukuba unelungelo lokuthetha, elokwabelana ngeembono, nelokunceda ekukhetheni izinto ezichaphazela idolophu okanye isixeko sakho!



UMgaqosiseko woMzantsi Afrika (1996): Uqinisekisa ulutsha ngelungelo lokuthatha inxaxheba kwizigqibo zikarhulumente. Uphakamisa ubulungisa, uquko, nobumi obungenkuthalo.

IPhepha leNgcaciso yoMgaqonkqubo elimalunga nooRhulumente beeNgingqi (1998): Ikhuthaza oorhulumente beengingqi ukuba basebenzisane noluntu, kuquka nabantu abatsha, ukuze kuphuculwe uhanjiso lweenkonzo nophuhliso.

UMthetho weeNkqubo zooMasipala (2000): Ufuna ukuba oomasipala babandakanye ulutsha kucwangciso nasekuthathweni kwezigqibo, ingakumbi ngokusebenzisa isiCwangciso soPhuliso oluHlangeneyo (IDP).

UMthetho wamaSebe ooMasipala (1998) noMthetho woLawulo lweeMali zooMasipala (2003): Yimithetho emisela imigaqo yeendlela abasebenza ngazo nabalawula ngazo imali oomasipala, nto leyo idala isithuba sokuba ulutsha luzibandakanye kuphuhliso lweengingqi.

UMthetho weArhente yoPhuhliso loLutsha kuZwelonke (NYDA) (2008): Wamisela iNYDA ukuze ikhokele iinzame zophuhliso loluntu kwaye iqinisekise ukuba abantu abatsha bayaqukwa kwiinkqubo zikazwelonke nezasekuhlaleni.

IziKhokelo zoLutsha kooMasipala (2004): Zikhuthaza oomasipala ukuba bamisele iiYunithi zoLutsha namaBhunga oLutsha ukuze axhase ubandakanyeko lolutsha kucwangciso nasekuthathweni kwezigqibo.

UMgaqonkqubo woLutsha kaZwelonke (2020-2030): Usisikhokelo sendlela yokuxhobisa ulutsha ngokusebenzisa imfundo, ingqesho, ezempilo, nokuzibandakanya kwalo noluntu. Uphakamisa uphuhliso loluntu olungokuqukayo noluneziphumo ezibonakalayo.

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP 2030): Injongo yaso kukunciphisa ukungalingani engagqithanga u2030. Sigqamisa intathonxaxheba yolutsha njengento ephambili ekwakheni uMzantsi Afrika ongcono.

IsiKhokelo seeNkonzo zoLutsha sikaZwelonke: Siphakamisa ubandakanyeko lolutsha kwiinkonzo zoluntu nakwiiprojekthi zophuhliso lweengingqi.

IPhepha leNgcaciso yoMgaqonkqubo elimalunga namaLungelo aBantu abaphila noKhubazeko (2015): Luqinisekisa ukuba abantu abatsha abaphila nokhubazeko bayaqukwa kuzo zonke iinkalo zobomi, kuquka nakulawulo lweengingqi.

UMthetho wobuLungisa kwezeNgqesho: Uxhasa impatho enobulungisa namathuba alinganayo kumntu wonke, kuquka ulutsha, kwiindawo zempangelo.

“INDLELA ENYE YOKUTHATHA UMLINGANISO WOKUQHUBELA PHAMBILI KWELIZWE YINDLELA ILIZWE ELO ELIPHATHA NGAYO ULUTSHA LWALO.”

- Gqr Essop Pahad, iNkqubosikhokelo yoMgaqonkqubo woPhuhliso loLutsha yeSizwe (2002-2007)

Izizathu zokuBaluleka kweNtathonxaxheba yoLutsha

Izigqibo ezithathwa ngoomasipala zichaphazela ulutsha ngqo: iinkonzo, imisebenzi, ukhuseleko, ezolonwabo, nokunye okuninzi.

Ulutsha luza neembono ezintsha neendlela ezintsha zokujonga izinto kwimiba eziingxaki ekuhlaleni.

Ukubandakanya ulutsha kuphakamisa ubukho boluntu olungokuqakayo noluluqilima.

Izinga elisezantsi lokubonakala kolutsha ekuvoteni nokungahambi kakuhle kolutsha iintlanganiso zoomasipala kubonakalisa ukungabikho konxulumano. *Kudingeka ukuba sikutshintshe oko!*

YINTONI EBAMBEZELA UKUTSHA?

- Ukungathembi amaziko ezopolitiko
- Iintlanganiso ezingalulungelanga ulutsha okanye ezingafikelelekiyo
- Amathuba ambalwa okuba negalelo elinentsingiselo
- Intswelanguqesho nentlupheko ephezulu
- Imfundo yoluntu enesithintelo

INGABA BANGAZIBANDAKANYA NJANI ABANTU ABATSHA?

Ezi zezinye zeendlela eziphathekayo elunokuthi ulutsha luzibandakanye ngazo koomasipala:

- Ukuzimasa iintlanganiso zoCwangciso loPhuhliso oluHlangeneyo (IDP) kwiwadi yakho
- Ukuba yinxalenye yeekomiti zeewadi
- Ukumela ukunyulwa njengoceba
- Ukusebenzisa amaqonga ezonxibelelwano
- Ukuvolontiya njengomsebenzi osawufundayo umsebenzi kumasipala
- Ukuvota nokukhuthaza abanye ukuba bavote
- Ukukhuthaza ukuba kwenziwe amasebe olutsha



**"ILIZWI LAKHO LIBALULEKILE.
IIMBONO ZAKHO ZIYABALA.
INTATHONXAXHEBA YAKHO
INAMANDLA."**

EZINYE IINDLELA ZOKUTHATHA INXAXHEBA



Uluhlu lwezinto emazihlolwe	Ewe	Hayi
Ingaba ukubhalisele ukuvota kunyulo loorhulumente beengingqi?		
Ingaba uyamazi uceba wewadi yakho?		
Ingaba uyawazi amalungu ekomiti yewadi yakho?		
Ingaba wawukhe wayizimasa intlanganiso kamasipala?		
Ingaba uyinxalenye yeqela lolutsha okanye yombutho woluntu?		
Ingaba uyamlandela umasipala wakho kumaqonga ezonxibelelwano?		

INGABA YEYIPHI INKXASO EKUFUNEKA BANIKEZELE NGAYO OOMASIPALA?

- Ukwenza iiYunithi namaBhunga oLutsha
- Ukusebenzisa amaqonga asezikhompuyutheni ukubonelela ngeengcaciso neengxelo
- Ukukhuthaza imfundo yoluntu
- Ukubeka uluntu phambili kwiIDP nakucwangciso lohlahlolwabiwomali
- Ukukhuthaza abantu abatsha ukuba bamele ukunyulwa njengooceba namalungu eekomiti zeewadi
- Ukubambisana nemibutho yolutsha (efana neActivate Change Drivers)

COMPACT has developed civic education pamphlets on several topics: understanding local government, accountability and oversight, municipal councillors, and ward committees. The Working Towards Collaborative Local Government guide provides very useful information about municipalities.

Visit <https://pari.org.za/compact>



Undabamlonyeni: Activate Change Drivers (abaQuquzeleli boTshintsho ngeNkuthalo)!

I-Activate Change Drivers! luthungelwano lolutsha olunenjongo yokuxhobisa abantu abatsha ukuze babe ngabemi abanobuchule bokuqala izinto ezintsha nenkuthalo, abaphembelela baze bakhuthaze utshintsho oluhle olulungele ihlabathi jikelele. Lo mbutho ubusoloko ubeke iliso kwiintlanganiso zelDP koomasipala jikelele ukuze uqinisekise ukuba amazwi olutsha ayaviwa. Nanjengoko bekhona kuwo onke amaphondo olithoba jikelele abakhuthazi bolutsha:

- Bazimasa baze benze iingxelo ngeentlanganiso zelDP
- Baququzelela ulutsha ukuba luthathe inxaxheba
- Bamela okubekwa phambili lulutsha kwizicwangciso zoomasipala

Ukuze ufunde kabanzi ngena ku: <https://activatechangedrivers.co.za/>

ACTIVATE!
change drivers





Co-funded by
the European Union

IWebhusayithi: <https://pari.org.za/compact>

KuTwitter: @Compact_MyMunic

KuFacebook: Compact – My Municipality

I-imeyili: Girish Daya: girishd@pari.org.za

Winnie Manganye: wmanganye@salga.org.za